Isalathiso: 20211209-8710
Inombolo yefayili: 12/2/8/2
Imibuzo: J Klaaste-Salmans

INgcaciso eMfutshane yeCandelo leKharityhulam ye*GET*: DCF 0006/2021

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli aBaziiNtloko, kuBalawuli, kumaSekela Balawuli (KwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharityhulam, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kuBafundi, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko nakwiiNqununu

ISihloko: Uqeqesho lwe-*Reading to Learn* lootitshala beeLwimi beSigaba esiPhezulu (amaBakala 7-9) (ngoJanuwari ukuya kuMatshi 2022)

1. Le ngcaciso imfutshane yazisa iinqununu nootitshala ngekhosi eyi-*Reading to Learn course* yootitshala beSigaba esiPhezulu *eza kuqhutywa ng*eKota yoku -1 ku-2022. Eli liphulo lentsebenziswano leCandelo leKharityhulam ye-*General Education and Training(GET) ne-Cape Teaching and Leadership Institute (CTLI)*

2. Ikhosi ikhokelwa ziimfuno ezimiselweyo ezicaciswe kwi-*Recovery Annual Teaching Plans* (ATPS)2021–2023. Injongo kukunika inkxaso ukufundisa novavanyo lwezakhono zolwimi ezingundoqo nokuxhobisa ootitshala ekusebenziseni ulwimi kwikharityhulam ngokubanzi.

3. Le khosi iya kwenziwa ngethuba leeseshoni ezisixhenxe kwiiveki ezisixhenxe ukususela ngoJanuwari ukuya kuMatshi 2022.

4. Uqeqesho luya kuqhutywa kusetyenziswa iiseshoni zonxibelelelwano ezisasazwa ngqo ngo-intanethi ngabaququzeleli abaziingcaphephe. Abathathi-nxaxheba baya kucelwa ukuba bagqibe umsebenzi wekhosi ezimeleyo, kwaye bathathe inxaxheba kwiikhwizi ezikwikhompyutha ku-intanethi (*online quizzes)* nakwiimvavanyo ezingaphambili nezisemva kwekhosi.

5. Ikhosi iya kubonisa indlela yokufundisa eklasini (*classroom methodology*) nenkqubo yobuchule bokufundisa ngokunika inkxaso abafundi ekufundeni kwabo iikhonsepthi nezakhono ezitsha *(scaffolded pedagogy)*, ootitshala abaya kubanako ukuyisebenzisa ngendlela yokufunda edibanisa ukufunda kwabafundi beseklasini neyokufunda kusetyenziswa u-intanethi *(blended approach)* ekufundiseni uLwimi kwiklasi yeSigaba esiPhezulu.

6. Kucelwa ootitshala babhalise kwi-*Reading to Learn course* ngokusebenzisa le linki ilandelayo: http://197.189.234.194/CTLI

7. Ziyacelwa iinqununu zazise ngokuqulethwe yile ngcaciso imfutshane kubo bonke ootitshala abachaphazelekayo ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-H MAHOMED
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WEKHARITYHULAM NOLAWULO LOVAVANYO
UMHLA : 2021-12-15